# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
## *SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN*

Department of Education * Umkhandlu We Mfundo * Kgoro Ya Thuto * Departement van Onderwys
GAUTENG PROVINCIAL GOVERNMENT

## FEBRUARY / MARCH
### *FEBRUARIE / MAART*

## 2005

# ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE UHLELO OLUPHAKAMILEYO

**(Iphepha Lesibini)**

HG **121-1/2**

IsiXHOSA FIRST/PRIMARY LANG HG: Paper 2

8 pages

121 1 2 HG

X05

COPYRIGHT RESERVED / *KOPIEREG VOORBEHOU*
APPROVED BY UMALUSI / *GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI*

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu - A, B, no-C.
- Kwicandelo A umbuzo 1 UNYANZELEKILE ukuba uphendulwe nguwonke-wonke.
- Kwakulo icandelo A umbuzo 2, uya kuphendula imibuzo ibe MIBINI kuphela.
- Kwicandelo B mibini imibuzo, umvavanywa makaphendule ube MNYE. Xa ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kwicandelo B, unyanzelekile ukukhetha umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C.
- Nakulo icandelo C mibini imibuzo ebuziweyo, uya kukhetha ube MNYE, omde okanye omfutshane.
- Umthamo wempendulo wokhokelwa ngamanqaku owanikiweyo.

## ICANDELO A
## IMIBONGO

### UMBUZO 1

Lo mbuzo unyanzelekile.
Funda esi sicatshulwa singezantsi ngocoselelo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

INYIBIBA

Ndayibona izifihla
Enqaben' ezixhotyeni,
Ngaphakathi kwamalwalwa
Amabini; iqaqambile.
Hayi, obo buhle!

Izityalo ezithile-
Zaye zimi zijikele;
Yayiphakamisa leyo
Ntloko yayo imhlophe-
mthubi,
Njengetshawekazi

Yema ithe zole cwaka
Leyo ndebe ibukhephu.
Yayimsulwa kolo hlanga
Lwayo, im' iyimfezeko,
Inyibiba entle.

1.1 Yintoni kanene inyibiba? (1)

1.2 Sidla ngokuyifumana phi inyibiba le? (1)

1.3 Khetha isifaniso sibe sinye. (1)

1.4 Chonga izifanekisozwi zibe ZIBINI. (2)

1.5 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi ibukhephu? (2)

1.6 Loluphi olu hlanga ijolise kulo imbongi? (1)

1.7 Sixhobo sini esisetyenziswe yimbongi kumgca 14? (1)

1.8 Inaziphi iinjongo ngokusebenzisa esi sixhobo sikumbuzo 7? Nika ibe NYE. (1)
**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa* 3 - Kwetana W.M (Umqokeleli)**

Kule mibongo ilandelayo khetha uphendule ibe MIBINI kuphela.

2.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo:

Babulahlekil' obamaHlek' ubukhosi-
lingcuka nezandawana zifun' ixhwayelo.
Yathimla k' irhorho yamaRharhabe,
Banyel' umchiz' oozungul' ichele.
Amanye amaHlek' ayakuxhawula,
Amany' amaHlek' ayakuxwaxwa.
Z' ungawakhathaleli iZulu asilolawo.
A! Zilimbola!

A! Zilimbola!
Yint' emqol' umbaxa-mbaxa,
Yanga ziibhasi zaseMdantsane zimile,
Int' emhlehl' unamafongqo nemingqeba-
Kukuginy' izithuko nezinyeliso-
Lisiko leNkosi kakade elo
Ukubekw' ityala ingenabala-
Lo <u>dunkanka</u> usiza ngamaphakathi

2.1.1 Ngokwalo mbongo ngoobani kanye ezi ngcuka? (2)
2.1.2 Kutheni imbongi isithi lo mntu imbongayo yirhorho? (2)
2.1.3 Xela izafobe eZIBINI ezisetyenziswe yimbongi kwimiqolo 5 nowe 6. (2)
2.1.4 Nika imisebenzi ibe MIBINI yoshiyo lwesikhamiso kumhobe / mbongo. (2)
2.1.5 Kulo mbongo sesiphi isixhobo esisetyenziswe yimbongi nesikubonisa ukuba ibonga iNkosi? (1)
2.1.6 Khetha kumhlathi wesibini ezi zafobe zilandelayo:
(a) Isikweko. (1)
(b) Isifaniso. (1)
2.1.7 Yiyiphi imigca emibini esifumana kuyo uluvo lokuba le Nkosi inomzimba omkhulu? (2)
2.1.8 Nika intsingiselo yegama elikrwelwe umgca ngaphantsi. (2)

**[15]**

**OKANYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

Cebo linye makudilizw' iibhari,
Mazityiw' iidiliya zivunelw' emilonyeni,
Kungxengxezw' ophethey' awis' isigwebo,
Kulow' ubonw' eminya-miny' ibhulanti;
Kungenjal' isizwe masimunc' iintupha,
Siseza kuphalalal' isizwe sidad' esizibeni,
Sibe siyagwetywa ke njalo kuphele,
lizaz' esinazo ziphelel' emanyaleni -
Tywala wen' ungumlahlekisi.

2.2.1 Sithini isihloko salo mhobe? (1)
2.2.2 Imbongi ibona ngathi yintoni enokunceda abantu ukuze bohlukane nalo mlahlekisi? Nika izinto zibeNTATHU ezikhankanyiweyo apha. 1x3=(3)
2.2.3 Chaza intsingiselo yembongi kumqolo - 5. (2)
2.2.4 Beka ngawakho amazwi ibinzana elinomgca ngaphantsi. (2)
2.2.5 Ziintoni iibhari ngokubhekiselele kwesi sicatshulwa. (2)
2.2.6 Sesiphi esi safobe sifumaneka kumgca - 9. (1)
2.2.7 Unqamleziso silufumana kuyiphi imigca? (2)
2.2.8 Imbongi isebenzise sixhobo sini kwimigca 3 - 5 ukwakha isingqisho? (1)
2.2.9 Kukwenza ntoni kanye ukuminya-miny' ibhulanti? (1)

**[15]**

**OKANYE**

2.3 Funda lo mhobe ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

> Sisixhob' esintlangothi mbini.
> Ngumvuli naxa kuqanyangelwe,
> Kutsh' ubumnyama bugabuke.
> Ngumfungeli wal' ukhanyo.
> Ngumxonxi-simo somntu.
> Ngumseki-ntlalo kuluntu.
>
> Amandl' awavami kusetyenziswa,
> Kub' ubuchopho sebabhucwa.
> Yehova, ndiphe nam' ikhwele
> Lokukhwel' inqanawe yenkcubeko.
> Andimnt' uthand' ukuthi finini;
> Ndithand' ujuzelo-mafini

2.3.1 Hlalutya lo mhobe ungasentla ngokuthi udandalazise zonke izafobe, nezixhobo ezisetyenziswe yimbongi ukuphuhlisa umxholo walo mhobe. **[15]**

**OKANYE**

2.4 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Sisidlo sazw' iindlebe.
> Luyolo lomphefumlo.
> Yimbangi yobushushu.
> Luchwayitiso ntliziyo.
> <u>Yomelez' abatyhwatyhwi</u>.
> Yakutsho ngondiliseko.
> Kusike kuzw' iintumbu.
>
> Nguhlokoz' ifuthe kwizithandazwe-
> Lihlob' igazi kubaswa ngezixhobo.
> Kanti nakwiimbutho zezaci-
> Aphum' aph' amaciko.
> Zivel' apho neembongi.
>
> Aphum' aph' amayolisa.
> Kukhuphiswana ngesingqisho,
> Zidul' apho neentyulubi.

2.4.1 Sithini isihloko salo mhobe? (1)
2.4.2 Xela udidi lwezafobe ezifumaneka kwimigca 1-4. (1)
2.4.3 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)
2.4.4 Chonga imiqolo esinika uluvo lokuba ingoma iyasebenza kwiimeko ezifana nezi
- a) Imfazwe / umlo. (1)
- b) Ulonwabo. (1)

2.4.5 Ngokwalo mhobe zeziphi iziphiwo zabantu eziqaqanjiswa yingoma? Xela zibe ZINE. 4x1=(4)
2.4.6 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi 'sisidlo sazw' iindlebe? (2)
2.4.7 Ngokwalo mhobe kukuthini ukudula? (1)
2.4.8 Ziintoni iintyulubi? (2)

**[15]**
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

Khetha uphendule umbuzo ube MNYE kweli candelo.
**QAPHELA:** Okokuba ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kweli candelo, uya kunyanzeleka ukhethe **omfutshane** kwicandelo C.

## UMBUZO 3
## UMDLALO WEQONGA

***Inzonzobila*** **- B.B. Mkonto**

3.1 "UDlangisa ligosa eliphezulu enkonzweni yakhe, ekwasisityebi esaziwayo kwelo laseKapa."

Pheculula isimo salo mlinganiswa, ngqiyama kwizenzo zakhe, usikrobisele ukuba: Ngaba usilungele na esi sikhundla asiphetheyo enkonzweni? **[30]**

**OKANYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela

> "Kambe akakufuni ngenene uBhotile kule dolophu. Ndimqwalasele kakuhle kweliya fihlo ngecawe ngelaa xesha ubushumayela, ebekujamele oku kwerhamba elibizela isele, engaqhwanyazi engathini."
>
> "Bangokhelana loo mililwana yabo, ndiyazi ukuba baseziimveku ezikhasela nje eziko. Kule yale venkile bayibhunyulayo kum, andibethelwa nangu - DO ndingokaMaqhwa nje. Uze <u>ubakhele umkhanyo</u> wena, ndakuva ngawe.
> He, biza *uBoy-boy* akuqhubele uye kuthenga eziya mpahla ubuthetha ngazo. Jonga apha ke, uyandazi into endiyiyo, andithi? Ufune iindwangu zezinxibamxhaka apho, nazo neetsheki sendizityikityile. Ndincwase ukuba ndithi ndifika eNew York, acezele phaya amaqwaku-qwaku ndinikwe imbeko endifaneleyo."

3.2.1 Nika amagama abantu ababini abathetha apha. (2)
3.2.2 Iqhubeka phi le ncoko yabo? (1)
3.2.3 Ngoobani aba kuthiwa baseziimveku ezikhasela eziko? (2)
3.2.4 Uthetha ukuthini xa esithi babhunyula ivenkile kuye? (1)
3.2.5 Ibhunyulwa ngaziphi iinjongo yona le venkile? (2)
3.2.6 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (1)
3.2.7 Yithi gqaba-gqaba ngentsusa yale ngxoxo. (4)
3.2.8 Manyathelo mani awathatyathwa sisithethi esi ukuzama ukuziphindezela? (5)

3.2.9 Iindwangu zezinxiba - mixhaka ziindwangu ezinjani? (1)
3.2.10 Esi sibini sasiza kuya kwenza ntoni eNew York? (2)
3.2.11 Xela izikhundla zibe ZIBINI nezibanjwe sisithethi sesibini apha ekuhlaleni. (2)
3.2.12 Yintoni ebangela ukuba uBhotile ajamele umshumayeli kakubi? (3)
3.2.13 Amaqwaku-qwaku ngokwesi sithethi ngabantu abanjani? (1)
3.2.14 Ngaba esi sibini saya eNew York? (1)
3.2.15 Uqhubeka phi lo mdlalo? Xela igama lelokishi nedolophu. (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

## ICANDELO C

Nakulo eli candelo umvavanywa uya kuphendula umbuzo ube MNYE kuphela.

**QAPHELA:** Okokuba ngaba ukhethe umbuzo **omfutshane** kwicandelo B, UYA KUNYANZELEKA ukuba ukhethe **omde** kweli candelo.

## UMBUZO 4
## INOVELI

***Etshatile Engatshatanga* - S.C. Satyo**

4.1 "Simeli asikuko nokuba ndiyamfuna umlingane ofana nawe, umlingane oliduna, amazwi elizwi leduna, umcebisi oliduna...."

Xoxa ngeenzame ezenziwa nguYoliswa ukuze aphumeze lo mnqweno wakhe. Zibeke ke endaweni kaYoliswa, uxoxe ukuba xa ibinguwe oneengxaki ezifana nezi zakhe, ubunokuzisombulula njani? **[30]**

**OKANYE**

4.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> Ubesithi nje ukuba athi uyivulile esiya emotweni ukuze ayifake, ivaleke iheke, abuye aqale ekuqaleni. Ibe ngumbhodamo ixesha elide engenabani unokumncedisa. Kude kwesuka ndoda ithile ibizidlulela bengazani nokwazana yamnceda. Ibe nelizwana **lenkqula-nkqulwano** le ndoda yathi, "Yakha yakho na iheke exhathisa olu hlobo umninimzi efuna ukungena, nezulu lilibi olu hlobo? Mfondini, ungathi kanti akusagoduki. Goduka uye uye kulungisa ukuhlala."

4.2.1 Ngubani igama lalo mntu kubaliswa ngaye apha? (1)
4.2.2 Wawuqhubeka phi lo mbhodamo weheke? (1)
4.2.3 Ngeli lixa lombhodamo, ngoobani abantu ababini ababesendlwini belindele ukufika komninimzi lo? Nika amagama abo. (2)
4.2.4 Chaza intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili. (2)

4.2.5 Le heke neli zulu libi kangaka zingumqondiso othile kwimeko yeli khaya. Betha nje koomofu usikrobisele kwingxaki ekhoyo. (4)

4.2.6 Ngokubhekiselele kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi ngaba lo mntu ucetyiswayo walithabatha eli cebo? Xhasa impendulo yakho. (4)

4.2.7 Ngoobani amadoda amabini ayengabahlobo bale nkosi kubaliswa ngayo apha? (2)

> "Simeli, usapho lwakho lwangasese luseza nakulo nyaka?"
> "Sukundibuza izinto otshoyo nawe ukuba zezangasese." …
> Ude ekugqibeleni uSimeli waphendula krakrayo.
> "Ungandikhumbuzi ngaloo mphangi nebhadakazi..."
> "Intoni? Umphangi? Ibhadakazi? Ndlebe zam uza kuva izinto ezintsha. Uthini, Simeli?"
> "Nditsho nangoku… Ungandikhumbuzi ngecangci elikhenkcezayo. Seyintokuba izinja andizithandi ngendimfuya andikhonkothele phaya phandle: hawu hawu hawu."

4.2.8 Ngubani lo ufaka uSimeli imibuzo? (1)

4.2.9 Loluphi olu sapho lwangasese kuxoxwa ngalo apha? (1)

4.2.10 Kutheni kusithiwa lolwangasese nje? (2)

4.2.11 Chaza izizathu ezibangela uSimeli abize lo mntu ngomphangi nangebhadakazi. (4)

4.2.12 Kutheni uSimeli efanisa lo mntu necangci elikhenkcezayo? (2)

4.2.13 Iqhubeka phi le ngxoxo yaba babini? (1)

4.2.14 Lo mntu uhlaba uSimeli ngemibuzo uvakala ngathi unomdla gqitha kwezi ndaba. Ubangelwa yintoni? (2)

4.2.15 Nika igama lenkosikazi kaSimeli. (1)

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**